Imbongi yakwa Gompo kwane Sizwe-Jikelele: *Umteteli wa Bantu* (30 December 1926), page 6

**“Imfazwe!”**

“U-Yehova uya kunilwela, ke nina niyakuti cwaka.” Kesod. 14:14

Nantso kalok’ ingom’ amadoda!
Nantso kalok’ ingom’ amadoda!
Hay’ elidlagusha lindikumbuza kude,
Lindikumbuz’ imincili namagqasi;
Lindenza ndivukwe ngamanyam’ obudodana,
Lindikumbuza xa zitshoyo:
Ziti: Nga-nga-nga-nga nga,—
Ngo-ngo-ngo-ngo-ngo-ngo!
Xa zitsho kwi Ntab’ e Sandhiwane,—
Xa zitsho kuma Hlat’ akwa Hoho!

Halala! Halala! Halala!
Nantso kaloku, nants’ ingom’ amadoda!
Nantso nto ka Makgatho neka Thema,
Nto ka Mvabaza neka Letanka;
Nto ka Mahabane nawe ka Ngojo;
Nantso nto zika Msimang;
Kanyela nto ka Mdolomba,—
Gquzu mnqayi ndatabateka!
Yiyo leyo nto ka Dlwati;
Yiyo leyo nto zika Nyombolo.

Nants’ eyona mini yogayi,—
Imin’ ez’ azininz’ emadodeni,
Kuba yilemini neyangomso.
Uburot’ ob’ asinto yamihla,—
Yinto yanamhla nangomso kupela,
Kuyaqal’ ukulunga bafondini,
Ndiyaqal’ ukubon’ imin’ ezimnandi;
Hay’ imini ze Segrigeshoni;

Hay’ imini zomvalo webaia;
Hay’ imini zokuhlutwa kwe voti.

Pakamisan’ imipefumlo yabantu!
Pakamisan’ ingqondo zoluntu!
Pakamisan’ imix’elo yabawayo!
Yifunzeni pambil’ imikosi yenu,
Iyabon’ i Mbongi akuko ngozi;
Itsh’ imimoya yeli Pezulu;
Zitsh’ incopo zentaba zakowetu;
Zitsh’ ingxangxasi zemilamb’ e Afrika,
Makafik’ adlul’ amadod’ okulwa,—
Makatet’ amagwal’ ati sikalipile.

Halala! Halala! Halala!
Oyakoyisa ngoya kunyamezela;
Matol’ amaduna, matol’ amadodana;
Lemfazw’ andiyi libal’ ubumnandi bayo,—
Inevumba lempilo yesizwe;
Inevumba loxolokaz’ olukulu;
Inevumba lokubuya kwe Afrika!
Ndatanda madodana ndatanda!
Ndatanda nto ka Kadali ndatanda!
Ndatanda nto ka Tayile ndatanda!
Halala! Halala! Halala!
Ncincilili! Ncincilili!!